ISEBE LOPHUHLISO LOLUNTU NOLOQOQOSHO

ISIKHOKELO SOKUKHULISA ISHISHINI LAKHO

CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

IINJONGO ZESEBE LETHU

Umsebenzi weSebe loPhuhliso loLuntu noQoqosho kukumisela imigaqonkqubo liqinisekise ukuba iyasebenza, libonelela ngolwazi, lenza iinkqubo neeprojekthi, kananjalo lithumele abantu kwimibutho yenkxaso eza kubanceda ukuze kuphuhle amashishini amancinci, kukhule uqoqosho lwethu ze kudaleke nemisebenzi. Sisebenza kunye okanye sisebenzisa ababoneleli-ngeenkonzo asele bekhona ukuze sibonelele iimfuno zamashishini ezingundoqo. Asiwaxhasi ngqo amaphulo abucala.

INKXASO KUMASHISHINI NEENKQUBO ZOKUCEBISA

Amacebiso kwezoshishini angafunyanwa kule mibutho ilandelayo ingamahlakani ethu:

- **IiRed Doors neeBusiness Places – ezizi-earhente zeSixeko saseKapa ezibonelela ngeeNkqubo zeeVawutsha zokuXhasa aMashishini. Le nkqubo ilawulwa yiCasidra. Iliphulo eliqalwe ukuze kuphuhliswe oosomashishini abasakhulayo nabanekamva eliqaqambileyo abaneminyaka engaphezu ko-35 apho kukhutshwa iivawutsha kusetyenziswa iinkampani okanye iia-arhente ezifana nee-Red Doors, Business Places okanye naliphi na iziko elamkelwe siSixeko saseKapa. Jonga kwi-www.capegateway.gov.za okanye ufowunele kwa-(021) 483 9030 xa ufuna iinkcukacha ngeRed Door ekufutshane nawe nolwazi ngeeNkqubo zeeVawutsha zokuXhasa aMashishini zeSixeko saseKapa.**
- **I-Business Place – liziko nje ongena kulo ufumane uncedo olukhawulezileyo noluya kuba lulutho kuwe. La maziko afumaneka kwiidolophu ezikwiSixeko kunye nasePhilippi. Jonga kwi-www.thebusinessplace.co.za okanye ufowunele kwa- (021) 425 7816 (Cape Town) okanye kwa- (021) 371 3350 (Philippi) ukuze ufumane olunye ulwazi.**
- **Ii-Library Business Corners, ezifumaneka kumathala eencwadi akwiKapa yonke zibonelela ngolwazi malunga nenkxaso kunye nolwazi olukhoyo yaye ziphendula imibuzo esoloko ibuzwa rhoqo luluntu. Fowunela kwa- (021) 421 0049 okanye u-imeyilele kwa-gaillbc@iafrica.com xa ufuna iinkcukacha ngeLibrary Business Corner ekufutshane nawe.**
- **Iwebhsayithi ye-Small Enterprise Development Agency (SEDA) ibonelela ngolwazi oluninzi lokuqala kunye nokulawula ishishini lakho. Bakhangele ku-www.seda.org.za okanye ufowunele isebe le-ofisi eliseKapa kwa-(021) 949 2227 ukuze ufumane olunye ulwazi.**

INKXASO YAMASHISHINI YEENTLOBO EZITHILE ZOSHISHINO

Imizi-mveliso yeenqanawe

I-Cape Town Boatbuilding and Technology Initiative liqumrhu leli candelo loshishino elamiselwa ukuba kuphuhliswe imizimveliso yokwakhiwa kweenqanawe ezenzelwa ulonwabo ngokuthi zixhaswe kurhwebo nakutyalomali, ekuzithengiseni okanye ekuzaziseni kunye nakuzo zonke izinto ezenziwayo eziza kunceda la mashishini ukuba akhule yaye akwazi ukumelana nokhuphiswano ngokuphuhlisa izakhono zoosomashishini abo kunye nokuwadibanisa namanye amashishini nokuwafaka kushishino. Khangela kwi-www.capetownboatbuilders.co.za / www.southafricanboutbuilders.co.za okanye ufowunele kwa- (021) 418 6134 ukuze ufumane olunye ulwazi.

Amaziko emiNxeba nokuKhutshwa kweMisebenzi neNkqubo yoShishino

I-Calling the Cape liqumrhu elamiselwa ukjongana nokuba likhuthaze utyalomali kumaziko eminxeba kunye noshisino olujongene nokukhutshwa kweMisebenzi nenkqubo elandelwayo ukwenza oko, ukwazisa ihlabathi lonke ngolu shishino ze liququzelele noshishino elikhulisa ukukwazi kweli shishini ukukhuphisana namanye amashishini afana nalo, ngokuphuhlisa izakhono zoosomashishini abo, ukuphuhlisa amashishini asakhasayo kunye nokuwadibanisa namanye amashishini nokuwafaka kushishino. Khangela i-www.callingthecape.org.za okanye ufowunele kwa-(021) 419 0033 ukuze ufumane olunye ulwazi.

Iimpahla

I-Clotex liziko lengcebiso ngoshishino leempahla namalaphu elixhaswa liBhunga. Bancedisa uluntu ukuba lukwazi ukufikelela kulwazi, iingcebiso, iikhontrakthi zokurhweba namathuba oshishino akweli shishini namacandelo asebenzisana nalo. Khangela kwi – www.clotex.co.za okanye fowunela u Majori Naidoo kwa-(021) 686 0522 ukuze ufumane olunye ulwazi.

Ushishino lwemisebenzi yezandla

Ii-Cape Craft Design Institute liqumrhu elinoxanduva lokuququzelela uphuhliso lweemveliso ezenziwe ngezandla, ngobuchule obuphezulu nezikumgangatho wehlabathi, ezibonisa inkcubeko yethu yaseKapa neyaseNtshona Koloni eyahlukileyo. Ikwenza oku ngokuququzelela uphuhliso lwamashishini emisebenzi yezandla azinzileyo, ibonelele ngezakhono zokudizayina nezokuyila izinto ezintsha, iphuhlise izakhono yaye ibonise nangemizekelo yemisebenzi ephume phambili. Khangela ku-www.capecraftanddesign.org.za okanye fowunela (021) 460 3724 ukuze ufumane olunye ulwazi.

Ushishino lweeFilimu

I-Cape Film Commission liqumrhu loshishino elijongene nokuphakamisa iKapa neNtshona Koloni kushishino lokonwabisa njengendawo ekumgangatho wehlabathi nekwazi ukumelana namanye amashishini okonwabisa. I-Cape Film Commission iliziko eliququzelela iifilimu eziphambili, imicimbi kamabonakude, eyevidiyo, eyentengiso nophuhliso lwemifanekiso eNtshona Koloni. Khangela ku-www.capefilmcommission.co.za okanye ufowunele kwa-(021) 483 9070 ukuze ufumane olunye ulwazi.

Iteknoloji yoLwazi noNxibelelwano (CITI)

I-CITI liqumrhu loshishino elisebenza njengombutho woshishino wommandla, iqumrhu lonxibelelaniswo nenkampani yokuphakamisa ezinye ezikwishishini le-ICT. Umsebenzi wayo kukuphakamisa iKapa neNtshona Koloni kwihlabathi lonke njengendawo enempumelelo kushishino lwe- ICT industry. Khangela ku-www.citi.org.za okanye ufowune kwa-(021) 409 7000 ukuze ufumane olunye ulwazi.

Iimveliso

I-SEDA liziko leengcebiso leemveliso eziveliswa apha eNtshona Koloni apho unokufumana iingcebiso ngeemveliso kunye neenkonzo zenkxaso. Fowunela kwa-(021) 596 1300 ukuze ufumane olunye ulwazi.

Ioyili neGesi

I-South African Oil & Gas Alliance liqumrhu loshishino elijongene nokwazisa ihlabathi ngezinto ezinokwenziwa yiKapa kunye noMzantsi Afrika ekunikeni inkonzo yeemarike zeoyili kunye negesi kwiAfrika eseNtshona nekuMazantsi. Ikwaququzelela nophuhliso lwabaniki-nkonzo abaneempepha zokwenza oko, oko bekusekele ekubeni bayakwazi na ukunikisa ngaloo nkonzo kunye nemigangatho yeemfuno zale makethi. Jonga u-www.offshoreafrica.co.za okanye ufowunele kwa-(021) 425 8840 ukuze ufumane olunye ulwazi.

Iziganeko eziNgundoqo zoKhenketho kunye neeNgqungquthela (Conventions)
Ukhenketho, iziganeko ezikhulu neeNgqungquthela ziphakanyiswa yiCape Town Routes Unlimited, ethi iqinisekise ulungelelwaniso lokuthengiswa nokukhuthazwa koshishino, uphuhliso neenkonzo zeendwendwe kwiSixeko sonke nePhondo lonke. Njengokuba amacandelo ekhula, amathuba ophuhliso kula macandelo okunika inkonzo ayakhula nawo. Jonga u-www.tourismcapetown.co.za, okanye kwa-(021) 487 4800 okanye u-imeyilele u-info@tourismcapetown.co.za ukuze ufumane olunye ulwazi.

Wesgro - UPhakamiso loRhwebo noTyalomali
IWesgro yinkampani okanye iarhente esemthethweni yokuPhakamisa urhwebo noTyalomali eKapa naseNtshona Koloni. Yindawo yokuqala abathi banxibelelana nayo abantu bamanye amazwe abangenisa impahla, abathumela iimpahla ngaphandle nabatyalimali abafuna ukuthatha amathuba oshishino oluvulekileyo oluseKapa naseNtshona Koloni. Umsebenzi kaWesgro kukutsala nokuququzelela utyalomali, ukhuliso lweemveliso ezithunyelwa ngaphandle nokumakethwa kweNtshona Koloni njengendawo yoshishino eMzantsi Afrika enokukwazi ukukhuphisana nesizwe sonke nehlabathi. Jonga u-www.wesgro.org.za okanye ufowunele kwa-(021) 487 8600 ukuze ufumane olunye ulwazi.

EZINYE IINKONZO ZESIXEKO/AMAPHULO
Umbane
Xa unemibuzo, malunga nokufumana umbane, iindleko zawo nobukho bawo, fowunela icandelo lemibuzo ngombane kwa-086 012 5014. Fowunela kwa-(021) 400 2892 ubuzise ngokuba uthini xa ufuna ukuba ngumthengisi wombane.

Ulawulo loRhwebo olungekho Sesikweni okanye olwaSesitalatweni
Ukuthengisa esitalatweni kuyaxhaswa siSixeko, kodwa, kukho imigaqonkqubo ethile ekufuneka ithotyelwe. Nayiphi na imibuzo enxulument noncendo, ukusebenzisana kunye nemigaqo-nkqubo engokushishina ngokungamiselwanga ngokusemthethweni ingabhekiswa kwiSebe loLawulo loMnandla woShishino kuMgangatho we-16 kwiZiko loLuntu, kwa-12 Hertzog Boulevard, eForeshore, eKapa okanye tsalela umnxeba kwa-021 400 5502.

Iprojekthi yeSmart Cape Access
Nge-Smart Cape Access Project yesixeko, kubonelelwe ngeekhompyutha ezino-intanethi kuwo onke amathala encwadi aseKapa najikeleze iKapa. Esi sibonelelo asihlawulisi, kufuneka nje ube lilungu lethala lencwadi. Ungaya nakuliphi na ithala leencwadi uye kujonga iwebhsayithi yolwazi esikuxelele ngayo kule phamflethi. Esi Sixeko silungise namaZiko azi-Digital Business Centres kweminye imimandla yeKapa.

Ezolimo ezidolophini okanye ezilokishini
Esi Sixeko siyaluxhasa ulimo lwasezidolophini ngokufikelela kumhlaba ofanelekileyo, kwizibonelelo, nezixhobo kunye noqeqesho olufanelekileyo nolusisiseko. Fowunela iSebe loPhuhliso loQoqosho noloLuntu kwa- (021) 483 9030 ukuze ufumane olunye ulwazi.

Ulawulo lwaManzi neNkunkuma
Ukufumanisa ukuba uyifumana njani na indawo yamanzi kummandla othile, indlela yokucoca okanye ukulahla inkunkuma engamanzi fowunela kwa-086 010 3054.Iziko lotsalelo-mnxeba elisebenza i-24/7 ukuze kuxelwe imibhobho egqabhukileyo kunye nezinye iingxaki ezinxulumene namanzi.Ukuba ufuna ukufumanisa ukuba ufunyanwa njani umgqomo wenkunkuma, ukususwa kwenkuma engengomanzi, ukucocwa kommandla othile okanye ukuba iphi indawo yokulahla inkunkuma kwingingqi, fowunela iziko eliyiSolid Waste Call Centre kwa-086 010 2640. Ukufumana iimvume yokususa inkunkuma enetyhefu, fowunela kwa-(021) 487 2479. Ukufumanisa ngoTshintshiselwano lweNkunkuma eHlanganisiweyo (Integrated Waste Exchange), egxile ekulawulweni kwenkunkuma yamashishini, khangela iwebhsayithi ye-Integrated Waste Exchange ku-www.capetown.gov.za/iwe.

Uphuhliso loLutsha
Umsobomvu Youth Fund uzibophelele ekudaleni amathuba nophuhliso lolutsha lwaseMzantsi Afrika. Wukhangele kwiwebhsayithi ethi www.uyf.org.za okanye ufowunele kwa-086 009 6884 / (021) 422 2794 ukuzivela ukuba ngawaphi na amathuba akhoyo.

Ukuzowuna
Ukuba ufuna ukuqala ishishini ekhaya, elinjengendawo yokulalisa iindwendwe, iziko lokugcina abantwana okanye lokungisa izinto ezonakeleyo, kufuneka ufumanise ukuba ingaba elo shishini livumelekile na ngokwemfuno zokuzowuna kwepropati, fowunela iofisi yeMibuzo ekwicandelo loCwangciso kwa-(021) 400 3918 ukuze ufumane ulwazi.

INDLELA YOKUREJISTARISHA NOKUMISELA ISHISHINI
Ukubhalisa ishishini ngokusesikweni okanye ukulibhalisa ngegama lakho okanye ukufumanisa ngeemakhi zemveliso (trademarks), yiya kwiofisi yeCompanies and Intellectual Property Registration Office (CIPRO), ekwiDTI khampasi (Block F - Entfutfukweni), 77 Meintjies Street, Sunnyside, Pretoria. Jonga i-www.cipro.co.za okanye kwa-086 184 3384 / (011) 254 9405 ukufumana olunye ulwazi.
Isebe leTrade and Industry (i-DTI) lineenjongo zokukhokela nokuququzelela ukufikelela koluntu kuqoqosho oluzinzileyo nengqesho yabo bonke abemi boMzantsi Afrika. Jonga u-www.thedti.gov.za okanye ufowunele kwa-086 184 3384 / (012) 394 9500 ukufumana olunye ulwazi.

AFUNYANWA NJANI LA MATHUBA KWIBHUNGA: INDLELA YOKUTHENGA IIMPAHLA (Ulawulo lweZinto eziThengwayo)
IBhunga lifumana ezi nkonzo ngokukhupha iithenda nokukhupha izaziso ngeenkonzo neeprojekthi ezikhutshwa ngeekhontrakthi libhunga. Zonke iithenda zekhansile ezinexabiso eliyi-R200, 000 zikhutshwa kwi-Cape Times ne-Die Burger ngoLwezihlanu kwicandelo leeClassifieds.

- Iithenda zingafunyanwa okanye zitsalwe kwiwebhsayithi yeBhunga engu-www.capetown.gov.za phantsi kwesihloko esithi Tenders.
- Iithenda zingaya kulandwa kwiiOfisi yeeThenda, 5th Floor, Civic Centre, 12 Hertzog Boulevard, Foreshore, Cape Town okanye kwa-(021) 400 2405 ukufumana olunye ulwazi.

Iikhontrakthi ezingaphantsi kwe-R200, 000 azipapashwa emaphepheni; iBhunga liye limeme oosomashishini abazibhalise kuvimba oyi-Western Cape Suppliers Database ukuba bafake iikowuti. Ukuze ukwazi ukufumana ithenda, okanye waziswe ngeethenda ezikhoyo, kufuneka inkampani yakho ibhalise kwi-Western Cape Suppliers Database. Iiifomu zolwazi nezokubhalisa zifumaneka kwezi webhsayithi-:

- www.tradeworld.co.za / (021) 680 4600
- www.capetown.gov.za phantsi kwesihloko esithi Online Services / Supplier Registration
- www.capegateway.gov.za phantsi kwesihloko esithi The RED Door - Real Enterprise Development Initiative okanye ufowunele iZiko eliPhendula iiMfono-mfono kwa-086 014 2142.

Isebe lolawulo lokuthenga nokuthengisa likwalawula uvimba wababoneleli-ngeenkonza boluntu nonika amathuba angade abe kwixabiso lama-R30,000. 00, fowunela kwa-(021) 400 3618 ukufumana olunye ulwazi.

ISebe loPhuhliso loQoqosho noloLuntu

ICandelo loLawulo loPhuhliso lweNtlalo noQoqosho

IDILESI ELIKUYO: Umgangatho wesi-8, Waldorf building, 80 St George's Mall | IDILESI YEPOSI: 16548, Vlaeberg 8018, Cape Town
IFOWUNI: (021) 483 9030 | IFEKSI: (021) 483 9083 | I-IMEYILI: edt.mail@capetown.gov.za | IWEBSHAYITHI: www.capetown.gov.za/econdev

Noxa sizamile ngandlela zonke ukuqinisekisa ukuba ulwazi olulapha lolunyanisekileyo, iSixeko saseKapa asikwazi kunika siqinisekiso sokuba lonke ulwazi oluqulathwe apha luyinyaniso.